Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO B: IMIHLATHI

Khetha imihlathi ibeMIBINI kule ilandelayo uze ubhale ngayo. Bhala amagama ali-100–120 (umxholo kuphela).

**UMBUZO 2**

2.1 **ILETA YOBUHLOBO**

Bhala ileta eya kumhlobo wakho uvuyisane naye kuba ephumelele kugqatso lokubangumsasazi wenkqubo kanomathotholo. **[25]**

2.2 **ILETA ESESIKWENI**

Bhalela uSihlalo wombutho wolutsha umcele athethelele ulutsha ukuba singapheli isibonelelo sama-R350. **[25]**

2.3 **INQAKU LEMAGAZINI**

Bhala inqaku lemagazini ulumkise ngobungozi bokuhanjiswa kweendaba zobuxoki. **[25]**

2.4 **I-OBHITSHUWARI**

Bhala i-obhitshuwari yenkosi/yembongi yesizwe. **[25]**

2.5 **UDLIWANONDLEBE**

Bhala udliwanondlebe olwenziwa ngumsasazi kumfundi obephumelele emagqabini kwibanga le-12 kunyaka odlulileyo. Udliwanondlebe maluqhubele umfundi ekukhuthazeni uninzi ukuba lusebenze ngokuzinikela. **[25]**

2.6 **INGXELO ESESIKWENI**

Ungunobhala weqela lomdlalo weqonga oxhaswa nguNal'ibali kwisikolo sakho. Bhala ingxelo eya kumququzeleli kaNal'ibali ngempumelelo yephulo lokubonisa ngomdlalo wencwadi eniyifundayo kwizikolo eziningqongileyo. Ingxelo yakho mayiquke: Injongo yephulo, izinto enizenzileyo, okufumanisekileyo ngokuhambelana nenjongo kunye neengcebiso. **[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 50**
**AMANQAKU EWONKE: 100**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO B: IMIHLATHI

### UMBUZO 2

Kulindeleke ukuba umviwa abhale imihlathi emiBINI kule ibuziweyo. Ubude beempendulo mabube li-100-120 amagama umxholo kuphela. Ulwimi, irejista, isimbo sokubhala nethoni mayifanelane nenjongo yobhalo.

2.1 **ILETA YOBUHLOBO**

**Ifomathi, ucwangciso nomxholo [15]**

- Mayibe nedilesi enye yomntu obhala ileta, igama lesitalato, lelokishi nedolophu zibhalwe ngokupheleleyo. (azisetyenziswa izifinyezI).
- Isibuliso– sibhalwe ngokokwaziwa kwakhe umntu obhalelwayo.
- Isakhiwo sibhalwe siquke intshayelelo, isiqu nesiphelo.
- Umxholo ubemalunga nokuvuyisana nomhlobo ophumelele kugqatso lokubangumsasazi wenkqubo kanomathotholo.
- Umhlathi wokuqala unike intsusa nezizathu zokubhala.
- Umhlathi olandelayo ukhulise umxholo.
- Umhlathi wesithathu ungene kwiindaba gabalala ezimalunga nobudlelwane obuphakathi kombhali nalowo ubhalelwayo.
- Kuququnjelwe ngokufutshane kubhalwe intsusa nesizathu sembalelwano.
- Kwisiphelo kubhalwe igama kuphela.
- Makungabhalwa izingxi kwidilesi, isibuliso nesiphelo.

**Ulwimi/isimbo sokubhala nokuhlela:[10]**

- Kufuneka ulwimi olungekho sesikweni ukuya kolusesikweni/ olukhuthazayo/oluvuyisanayo nolubonisa imvakalelo.
- Izimelabizo ezibonisa ubuhlobo zingasetyenziswa.
- Ixesha malihambelane nodidi lwesincoko nomhlathi.
- Izikhuzo noburharha zingasetyenziswa. **[25]**

2.2 **ILETA ESESIKWENI**

**Ifomathi, ucwangciso nomxholo [15]**

- Mayibeneedilesi ezimbini ekaSihlalo wombutho wolutsha, neyombhali weleta. Zombini zibhalwa zime ngqo.
- Igama lesitalato, ilokishi nedolophu mazibhalwe ngokupheleleyo. (azisetyenziswa izifinyezi).
- Kwisibuliso – Isibuliso sihambelane nomxholo weleta. Akunyanzelekanga ukuba abizwe ngegama uSihlalo wombutho. Kwamkelekile ukusebenzisa uMhlekazi/Nkosazana/Nkosikazi.
- Mayilandelise ngomcimbi.
- Isakhiwo masiquke intshayelelo, isiqu nesiphelo.
- Umxholo ubengesicelo sokungapheliswa kwesibonelelo sama-R350.00
- Umhlathi wokuqala unike intsusa nezizathu zokubhala.
- Umhlathi olandelayo ukhulise umxholo.
- Kuququnjelwe ngeengcebiso kwiingxaki.

Downloaded from Stanmorephysics.com

- Mayibenesiphelo esiseseleta esesikweni size silandelwe yifani noonobumba-magama ombhali.
- Mazingasetyenziswa izingxi kwidilesi, isibuliso nesiphelo.

**Ulwimi/isimbo sokubhala nokuhlela:[10]**

- Ithoni nerejista isesikweni.
- Ulwimi malube lolusesikweni, luvakale, lusulungeke.
- Ubhalo maluvakale, luyondelelane, lucace lube semxholweni. **[25]**

2.3 **INQAKU LEMAGAZINI**

**Ifomathi, ucwangciso nomxholo [15]**

- Malibenesihloko esazisa umcimbi, size siphawulwe ngeempawu zocaphulo, sibhalwe bukekela, sikrwelelwe umgca ngaphantsi.
- Igama lombhali, livele ixesha, indawo nesiganeko.
- Kumhlathi wokuqala liphuhlise oko kukwisihloko.
- Kumhlathi wesibini neminye elandelayo ilumkise ngobungozi bokuhanjiswa kweendaba zobuxoki.
- Malibenemihlathi elandelelaniswa ngomtsalane/idlwengule umxhelo.
- Malibhalwe ngengqwalasela yokuba iinkcukacha ezingabalulekanga kuyaphi zibhalwe ekugqibeleni.
- Umxholo ubengenjongo yokulumkisa ngobungozi bokuhanjiswa kweendaba zobuxoki.

**Ulwimi/isimbo sokubhala nokuhlela [10]**

- Ingxelontetho ingasetyenziswa apho kuyimfuneko.
- Ixesha elisetyenziswayo lelangoku ngaphandle kwaxa kukhunjuzwa ngokwadlulayo/okudlulileyo okanye kubhekiswa kokuseza kuhla. **[25]**

2.4 **I-OBHITSHUWARI**

**Ifomathi, ucwangciso nomxholo: [15]**

- Makwenziwe amagqabantshintshi obomi bomntu ongasekhoyo obeyinkosi/imbongi yesizwe.
- Mayibhalwe ngohlobo lomhlathi.
- Kumhlathi wokuqala kunikwe iinkcukacha malunga: negama, umhla wokuzalwa nowokusweleka kwakhe, indawo azalelwe kuyo, imfundo yakhe.
- Umhlathi olandelayo: uhlomle ngegalelo lakhe, iimpembelelo zakhe, ezixhaswa ngebalana elibubungqina besiphiwo/iziphiwo zakhe ekuhlaleni/ emsebenzini/kwimibutho abezibandakanye nayo.
- Umhlathi wesithathu/wokugqibela udlulisa amazwi ovelwano kwikhaya/ kwabalahlekelweyo ngokuhambelana nombuzo.

**Ulwimi/isimbo sokubhala nokuhlela: [10]**

- Luhambelane nodidi lomhlathi.
- Kusetyenziswa ulwimi oluchukumisayo/olunondileko/oluhloniphayo noluncomayo.
- Ucaphulo kwiintetho zikamfi kungawunonga lo mhlathi.
- Ithoni yesesikweni. **[25]**

